Isifundo 8

**Novemba 14–20*

Imfundo Nokuhlangulwa

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Gen. 1:26, 27; Isa. 11:1–9; 2 Tim. 3:14–17; 1 Kumkani 4:29–34; Yohane 14:17; 1 Kor. 2:1–16.

Indima Yenkumbulo:

"Sonke isibhalo, siphefumlelwe nguThixo nje, sikwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni" (2 Timoti 3:16).

IBhayibhile ibalisa ibali elide ngoThixo nabantu baKhe. Ngamanye amaxesha libonwa njengebali lothando oluye lwagoso, okwexeshana. Okanye linokubonwa njengebali likatata nabantwana baKhe abanovukelo abathi, ekugqibeleni, babuye. Sekunjalo, ngenxa yeenjongo zemfundiso yale veki, siya kufumana kwibali leBhayibhile omnye umxholo, ongetitshala nabafundi bayo. Basoloko besiwa phantsi kuvavanyo lwabo, kodwa yena, ngomonde, uyazicacia izifundo eziphindaphinda kude kuthi, ekugqibeleni, abanye bazifunde bazazi. Ibali leBhayibhile alifani namabali ethu bantu esiwazi kakhulu—ngaphandle kwelilodwa. Ibali likaThixo nabantu baKhe liqinisekiswe ngesiphelo esihle, sokufikelela kumgomo (okanye kwinjongo) walo. Ubabalo lukaThixo ngakubantu baKhe luyasiqinisekisa isiphumo. Uxanduva lomntu kolu lwalamano lusoloko lungaqondwa kakuhle lude loyikwe ngabaninzi abacinga ukuba lunzima. Kanti ke, ibali leBhayibhile eyona nto luyiyo lusisimemo sokwazi uThixo nokuyiqonda intando yaKhe. Ngokwenene, ukufunda ukumazi uThixo kokona kusabela kuphambili kubabalo lwaKhe. Asinako ukulwamkela ubabalo olunjalo, kodwa sinako ukulufunda, kwaye iyintoni imfundo yobuKristu xa, kumongo wayo, ingeyiyo imfundo esifundisa ngolu babalo?

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaNovemba 21.*

Ngomfanekiselo KaThixo

Funda: Genesis 1:26, 27 noGenesis 5:1, 3. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngendlela uThixo ekuqalekeni awadala uluntu kwaza kwenzeka ntoni emva kwesono?

Isaci "ngokomfanekiselo kaThixo" sithimbe ingqono yabachazi beBhayibhile kwiinkulungwane. Uyintoni lo mfanekiselo abadalwa banguwo abantu? Umzekelo, ingaba uthetha ukuba uThixo wakhangela esipilini wenza indalo entsha ukuba ifane naYe? Okanye uthetha ukuba abantu bafana kakhulu noThixo ukudlula zonke ezinye iintlobo ezinobomi? Okanye ubhekisa ekuthini, ngokwasemoyeni nasengqondweni, kukho ukufana nokuhambelana phakathi koMdali nesidalwa saKhe esingumntu? IziBhalo aziniki nayiphi inkcazo echanekileyo yale ntetho nangona iimfundimani zikhuphe esiBhalweni iinkcazo ezininzi zento ekunokuba kuthethwa yona. Sekunjalo, sinako ukubona ukuba, emva kwesono, lo mfanekiselo waguquka, ekungoko wathi xa ebhala uEllen G. White, umgomo wemfundo kukubuyisela emntwini umfanekiselo womenzi wakhe (Education, pp. 14–16). Ingawufikelela njani imfundo umgomo obaluleke kangako?

Kuqala, sidinga ukuba sikhumbule ukuba uThixo wasenza ukuba sibe nolwalamano naYe, into enjengeyenziwa ngabazali nabantwana babo. Wasenza ngokomfanekiselo waKhe, ngokufanayo nokuba abazali benabantwana abangokomfanekiselo wabo (Gen. 5:1), ukuze [uThixo] akwazi ukusikhulisa ukuba sibe ngabantwana baKhe, inxalenye yosapho lwaKhe; abe nokuqhagamshelana nathi adale ulwalamano lwaphakade nathi. Umfanekiselo kaThixo, ngoko, kakhulu "ngumfanekiselo wengqondo" owenza ukuba abantu ababini, omnye unguThixo omnye ngumntu, babe nokuhlangana kweengqondo. Kwenzeka le nto kanye kwimfundo, kuqala ekhaya phakathi kwabazali nabantwana, kamva esikolweni xa ootitshala [bethabatha ukhuni kolu gqatso] beqhubeka nomsebenzi wemfundo. Ngokucacileyo, uThixo wayilungisa le nkqubo yemfundo esiyazi kakuhle kakhulu xa wathi, esahlula thina kwezinye iintlobo zendalo enobomi, wasenza ngokomfanekiselo waKhe, ude umfanekiselo waKhe (ingqondo yaKhe) ubonakale kuthi.

Ibali lenkululo libali lemfundo ukusuka ekudalweni kuse ekubeni yinyama kukaKristu, kusuke apho kuse ekudalweni ngokutsha. UThixo yititshala, lona izulu sisikolo sexesha lonke (bona: Ellen G. White, *Education,* p. 301). Zinto zini ezithethwa yile ngcamango yokuzinikela kwethu kwimfundo yobuKristu ekhaya, ebandleni, esikolweni, eyunivesithi, nakubo bonke ubomi?

UYesu Njengetitshala

IBhayibhile isebenzisa izaci ezininzi ukuchaza uYesu. UnguNyana kaThixo, uNyana womntu, uMsindisi, uMhlawuleli, iNkosi, iMvana kaThixo, ukukhankanya nje ezimbalwa. Kanti ke, kwabo bantu babemazi kakuhle ngexesha elingaphezulwana kweminyaka emithathu yokusebenza kwaKhe esidlangalaleni kwaYuda naseGalili, wayeyititshala. Babembiza ngokuthi "Nkosi," okanye "Rabhi." Omabini athetha into enye, ethi, "Titshala." Ngoko ke, uqeqesho lobutitshala nomsebenzi wokufundisa kufuneka konke kunokuba kwakuyindlela efaneleke ngokukodwa kuYesu ukuba enze ulungiselelo lwasesidlangalaleni. Ngandlela ithile, umsebenzi waKhe wokusindisa uyahambelana nomsebenzi wokufundisa. Okungaphezulu, wawuxelwe kwangaphambili ngumprofeti weendaba ezilungileyo.

Funda: Isaya 11:1–9. Sityhilelwa ntoni apha ngendawo kaYesu yokufundisa?

Esinye sezona ziprofeto ezingoMesiya esothusa kakhulu eziBhalweni sifunyanwa kuIsaya 11. Iindima 1–3 zizoba uMesiya ozayo, ngezaci zemfundo: umntu ozisa ulwazi, umcebisi, ubulumko, nokuqonda. Indawo yonke iphela ngesi sithembiso sibalaseleyo: "Ilizwe liya kuzala kukwazi uYehova, njengamanzi egubungele ulwandle" (Isa. 11:9). Mhlawumbi yayizimfundiso ezinjalo ezakhuthaza uEllen G. White kwincwadi yakhe engemfundo ukuba aphawule ukuba umsebenzi wemfundo nomsebenzi wokuhlangula mnye (khangela ku*Education,* p. 30).

Funda: Yohane 3:1–3. UNikodemo umbiza uYesu ngokuthi rabhi, aze aphinde athethe ngezipho zikaYesu zokufundisa njengezivela kuThixo ngenxa yemiqondiso uYesu awayeyenza, eyile, imimangaliso neembono ngentsingiselo yobomi. UYesu wamkela, ukuba ayisiso isihlonipho awayenikwa sona, ngoko ngokuqinisekileyo, imvelaphi yezipho zokufundisa xa esabela kuNikodemo ngelithi umele ukuba azalwe kwakhona ukuze ukubona (ukuqonda, nokungena) ubukumkani bukaThixo. Oku kuthetha ukuba igunya lokufundisa abanye, nakwimeko kaYesu, livela kuThixo. Ngokuqinisekileyo ukufundisa kusisipho sikaThixo. Sinikelwe nguThixo, samkelwa nguYesu, kwaye saziwa ngabo bafundiswayo njengesinegunya lezulu.

Ithini indawo esinayo ekuboneni ukuzaliseka kwesi profeto singokwaziwa kweNkosi okuya kuwo wonke umhlaba?

UMoses Nabaprofeti

Funda: 2 Timoti 3:14–17. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngendawo yesiBhalo emfundweni yobuKristu?

Igama lesiqingatha sokuqala seBhayibhile, iTorah, maxa wambi liguqulwa njengo"Mthetho," nganxenye kuba kukho imithetho emininzi kwezi ncwadi. Kanti ke iTorah yona ithetha "ukufundisa' okanye 'umyalelo." Ukuyazi ngolu hlobo kwahluke kakhulu kwinto abaninzi abacinga ukuba "umthetho" eBhayibhileni umele yona, eyile, imigaqo nemiqathango ekufuneka siyilandele ngeemfefe ezilungileyo zikaThixo. Akunjalo; umthetho umiselwe njengesixhobo sokufundisa uphethe indlela yokuphila ubomi ngempumelelo nangokukhuselekileyo kulwalamano lomnqophiso uThixo awayejonge wona xa wayesidala ekuqalekeni.

Iziqendu ezibini ezilandelayo zeBhayibhileni yesiHebhere, abaprofeti, ingxelo yendlela abantu bakaThixo abazichana ngayo izixhobo zemfundo baza baphila ngayo (abaprofeti bokuqala, okanye iincwadi zembali), noko babefanele ukukufunda kwezi zixhobo zemfundo (abaprofeti bamva). Isiqenqu esiseleyo seTestamente eNdala (esibizwa ngokuthi "imibhalo" ngesiHebhere) sizele yimizekelo yeetitshala ezaba nempumelelo nezazingenayo kangako, kwakunye nabafundi kunye namava emfundo yabo. Imizekelo yempumelelo yemfundo kwezi ncwadi nguEstere, uRute, uDaniyeli, noYobhi. Phakathi kwabangazange baphumelele ingaba ngabahlobo abane bakaYobhi. Phofu incwadi yeeNdumiso yincwadi yamaculo, kodwa nayo, ubuncinane, inazo iindumiso zemfundo: Ndumiso 1, Ndumiso 37, neNdumiso 73.

IiVangeli zizele zizixhobo ezilungiselwe iinjongo zemfundo, ngakumbi kwimizekeliso kaYesu. Ezininzi kwiileta zikaPawulos ziqala ngokuvakalisa igospile ngamandla, kodwa zophele ngezixhobo zokufundisa. Umzekelo, konke ukuveza, okanye ukutyhila ikamva lebandla likaKristu kutyhilwe encwadini ekuyiMvana kaThixo kuphela, uYesu, iTitshala eyiNkosi, enokuyivula (IsiTy. 5:1–5).

Abanye bangathi asikuko konke okuqulathwe ezincwadini zikaMoses okubhekiselele kwixesha lethu, kwaye kunyanisile oko. UDuteronomi 17:14–20, umyalelo ongookumkani, unemiyalelo ephandle kakhulu ngokukhethwa komntu wokuba nomsebenzi wokulawula (wobukhosi). Namhlanje, kodwa, asinyuli namnye ukumkani ebandleni lethu. Siyiqonda njani indlela eyiyo yokusebenzisa zonke ezi zixhobo zokufundisa zisesiBhalweni ngeli xesha lethu?

Izilumko Zamadoda Nabafazi

Amagama athetha isikolo, ukufunda, nemfundo aqondwa ngokucacileyo ngexesha lethu, kodwa awaqhelekanga eBhayibhileni. Kukho igama elinye, ubulumko/ukulumka, eliqheleke kakhulu. Umzekelo, iTestamente eNdala ithetha ngamadoda nabafazi abanobulumko (2 Sam. 14:2, Imiz. 16:23).

Funda: 1 Kumkani 4:29–34. Kusifundisa ntoni oku ngokubaluleka kobulumko?

UKumkani uSolomon uchongwe njengendoda eyayilumkile eyathetha ngobomi bezilwanyana nezityalo, yathetha imizekeliso ngobulumko obukhulu, okuthetha ukuthi wayenjengendoda yemfundo (1 Kumkani 4:29–34). Iincwadi, eyeMizekeliso neNtshumayeli, zineemfundiso ezininzi zikaSolomon ngezifundo ezininzi nazo ezibalelwa kuSolomon nakwabanye ootitshala abalumkileyo kumaxesha akudala (Imiz. 1:1, Imiz. 25:1, Imiz. 30:1, Imiz. 31:1).

NgokweBhayibhile, ubulumko bufana kakhulu nemfundo yethu namhlanje. Buyinto umntu ayifundayo kubazali nasezititshaleni, ngakumbi ngexesha asemncinane (Intsh. 12:1), kodwa umntu ubuqokelela ubulumko kubo bonke ubomi bakhe. Okwesibini, ubulumko bukholisa ukuba necala eliphathekayo kubo, umzekelo, funda ezimbovaneni eziqweba[ukutya] ehlotyeni ukuze zibe nokwaneleyo ebusika (Imiz. 6:6–8).

Kanti ke, ubulumko abaneli ukuba nokuphatheka kodwa; bunalo necala lobuciko kubo, kuba buqala ngokholo kuThixo bulandele imithetho-siseko eqinisekileyo (Imiz. 1:7). Ubulumko businceda ukuba siphile ngenkuthalo kwanokunceda abanye, kanti bukwanceda ukusikhusela kumashwa. Ekugqibeleni, kanye njengemfundo yanamhla, ubulumko abuyiphenduli yonke imibuzo esiyiphosayo, kodwa benza saneliseke koko sikwaziyo lo gama sisenza uphando ngoko kungaziwayo, kwaye oko yindawo elungileyo esithi kuyo sikwazi ukufunda ukumazi uThixo nokuthembela kubabalo lwaKhe. NgokukaYeremiya 18:18, indawo yetitshala elumkileyo ibonwa ilingana nendawo yombingeleli neyomprofeti. Zontathu zizisa ebantwini izigidimi ezivela kuThixo, ngendlela yemfundiso emthethweni, ukucebisa ngemfundo, nezigidimi ezizodwa ezivela kuThixo.

Singabufunda njani ubulumko size sibudlulisele kwabo beza emva kwethu? Kubaluleke ngantoni oku kuthi, singabantu, ukuba sikwenze?

Imfundo Nebandla Lokuqala

Omnye umthetho wemfuno oyindumasi esiBhalweni uvela xa uYesu, iTitshala eyiNkosi, ilungiselela ukushiya abafundi. Babekunye iminyaka emithathu enesiqingatha, phantse ukulingana nexesha elibekelwe imfundo yesikolo esiphakamileyo okanye ikholeji. Ekupheleni kwexesha elo, kuxhomekeka emntwini, abafundi bakholisa ukuthatyathwa njengabo bakulungeleyo ukulawula ubomi babo. Yena uYesu wazi ngcono, ngenxa yoko wabalungiselela abafundi baKhe imfundo eqhubekayo phantsi kokufundisa kukaMoya Oyingcwele. Kwenye indawo loo titshala okanye loo nkokeli ibizwa ngokuba nguMthuthuzeli okanye nguMthetheleli (ngesiGrike - paracletos), oza kunikwa abalandeli bakaYesu isigxina (Yohane 14:16, 17). Kuthiwa unguMoya weNyaniso. Nangona uMoya Oyingcwele engabizwa njengetitshala, umsebenzi kaMoya, ngokuqinisekileyo uyafundisa, ngakumbi xa kubhekiselele ekufuneni nasekufumaneni inyaniso.

Funda: 1 Korinte 2:1–16. Yintoni ethethwa nguPawulos le ibaluleke kakhulu kumcimbi wemfundo?

_____

_____

_____

_____

UPawulos uqala ngokulikhumbuza ibandla eKorinte ukuba, ukufika kwakhe kubo akazange athethe nto ngaphandle koYesu Kristu nokubethelelwa kwaKhe emnqamlezweni (1 Kor. 2:2)—akukho bulumko buhlakaniphileyo,kuphela kukuvakaliswa kwegospile. Kanti ke, oko akuphelelanga apho (1 Kor. 2:6), kuba ngako nje ukuba la maKristu matsha avuthwe, uPawulos wayeza kubuya awafundise ubulumko, izinto uThixo awazifihlayo ngaphambi kokuqala kwehlabathi (1 Kor. 2:7), nezinto ezinzulu zikaThixo (1 Kor. 2:10). Konke kuya kufundwa phantsi kwenkokelo kaMoya kaThixo xa ehlangana nomoya womfundi.

Siya kubanzulu kangakanani eso sifundo, kungakanani ukufunda okuya kuvuleka phambi kwabo bakhokelwa nguMoya? Isahluko siphela ngesicatshulwa esivela kuIsaya umprofeti: “Ngubani na owalungisa uMoya kaYehova, waba yindoda emcebisayo, wamazisa?” (Isa. 40:13). Umprofeti ethetha kubantu nje bemihla yakhe wayengathi, akukho mntu unokuyenza loo nto. Kanti uPawulos wayilungisa loo ngqondo ngokugqibezela ngokuthi, “Sinengqondo kaKristu,” okuthetha ukuthi, amaKristu azaliswe nguMoya ayafikelela kwingqondo kaThixo, ngaloo ndlela nakokukhulu kangakanani ukufunda nokuqonda (1 Kor. 2:10–13) okudingekayo ekwazini indlela yobulungisa.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Uthumo lukhulu kwevangeli (Mat. 28:18–20) lwaqala intshukumo enkulu yenkolo emhlabeni wonke. Kulapho abapostile okanye abavangeli (la magama mabini athetha into enye—"abo bathunyiweyo") bahamba umhlaba wonke beqokelela abafundi (abo bafundiswayo), bebenza abafundi (abafundileyo), bebabiza ukuba bakholwe kuYesu, bebabhaptiza, baze baqhubeke bebafundisa zonke izinto uYesu awayebayalele zona. Umfanekiso ngowabaguqukileyo abangamaKristu kumhlaba wonke, bemele iinkcubeko ezahlukeneyo bethetha iilwimi ezahlukeneyo, bephuma emanzini obhaptizo ukuze bangene esikolweni ukuba baqale imfundo yabo. Akumangalisi oku, kuba kusekuninzi ekufuneka bekufundile. Isizathu sokuba amaKristu asoloko efunda asikuphela ukufuna ulwazi lwasengqondweni okanye ukuzondelela ukugqwesa kulwazi, kodwa kunoko bafuna ubomi bobuKristu nokholo lungene kuwo onke amagolonxa obomi bawo bemihla ngemihla. Kuninzi okunokufundwa. Ngenxa yoko, iincwadi zeTestamente eNtsha zinako kokubini, ukuvakalisa ngoYesu (maxa wambi kubizwe ngegama leTestamente eNtsha ukerygma [keh-RIG-ma]) nemfundo kuzo zonke izinto ekufuneka amaKristu ezifundile (maxa wambi kubizwe ngegama leTestamente eNtsha udidache [did-ah-KAY]). Umzekelo omhle wokuvakalisa ubonwa ku-1 Korinte 2:2, kanti imfundo iqala ku-1 Korinte 4 iqhubeke ibekho ingabikho kwezinye iincwadi. Yintoni ekufuneka amaKristu eyifundile? Ziquka ezi: Umsebenzi, ukuphumla, imiba yokuhlala, ulwalamano nomphakathi, ibandla nonqulo, ezendyebo, ukuthanda isizwe, ulwalamano namagunya, ululeko, uhlelo lweentsapho, ulwalamano emtshatweni nokukhulisa abantwana, ukutya nokulungiswa kwako, ukunxiba, nokuba mdala nokulungiselela ukuphela kobomi, bonke ubomi bomntu nobehlabathi. Ukuba ngumKristu kuthetha ukufunda into ngazo zonke ezi zinto nangaphezulu. Ukuziqonda akuzizeli nje ngendalo. Kufuneka kufundiwe.

Imibuzo yokuxoxwa:

1. Ubaluleke kangakanani umsebenzi wemfundo kumsebenzi othunywe ibandla?

2. Uthini uEllen G. White xa wayebhala esithi "Izulu sisikolo" (Education, p. 301)?

3. Funda: 1 Korinte 2:1–16 kwakhona. Khangela oko uPawulos asixelela kona ngoko uThixo akutyhilayo kuthi ngempefumlelo. Cinga ngoko akuthethayo okuthi abaphathi nobulumko beli xesha kuyinto eza kuphutha. Ukuba wayenokutsho ngelo xesha, kungatshiwo ntoni ngobunye "bobulumko" bale mihla?